

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.



*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*



*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

Phambi kokuba ndiqale ...


NdinguThemba Twala igama lam, kodwa abahlobo bam bathi ndinguNozikhalazo. Nam ndinedayari njengo-"Wimpy Kid" wodumo. Ndiyakuthanda ukubhala kwidayari yam kwaye ndiyazama ukuba ndibhale nokuba sisicatshulwa esifutshane yonke imihla. Loo nto iyandinceda kuba ndihlala ndicinga ngam, ukuba ndingubani, ndenza ntoni imihla ngemihla nokuba ndenza njani ukuze ndimelane neengxaki endinazo.

Ndingubani mna? Ndiyinkwenkwe enobubele eneminyaka eli-9. Ndihlala elokishini kunye nomama notata. Ndinodadewethu omdala uPam oneminyaka eli-12 othanda kakhulu ukulawula, nomnakwethu oneminyaka emithathu onenkathazo kakhulu.

Ndinjani? ndimfutshane kunabo bonke abahlobo bam kwaye ndinxiba izipekisi. Maxa wambi indinika ingxaki loo nto kuba abanye abantwana bacinga ukuba ndiyadika baze banditsale, kodwa xa sebendazi baye bandithande. Maxa wambi bayandihleka kuba becinga

ukuba ndenza izinto ezingaqhelekanga. Uza kuyibona le nto xa ufunda idayari yam.

Nangona ndihlala elokishini nje, ndifunda kwisikolo esisedolophini. Ndinabahlobo abaninzi abohlukeneyo ngokumila, ngobukhulu nangebala. Sonwaba kakhulu xa sidibene. Abahlobo bam bokwenene nguJabu, uRobert, uJenny noShawn, kanti ke ndiyazithandela kakhulu apha kuZomzi.



Inyanga: EyeDwarha

NgoMvulo

Bendibuyele esikolweni namhlanje emva kweholide ebixakeke kakhulu (Bendingekho ndisekhefini, ndikhwele ihashe, ndiwe ehashini,khange ndicinge kwanto ngesikolo.)




Bekumnandi ukubuyela esikolweni kwakhona ndihlangane nabahlobo bam uJabu, uRobert noShawn. Iingxaki zam zaqala ukuphuma kwesikolo. Besiziqhelisa ukudlala ibhola ekhatywayo waza UMnu. Jones ongumqeqeshi wethu wathi mandijonge iipali ze ndikhabe ibhola.

Ndabona uZomzi endibukele emi ecaleni kwebala. Andazi ukuba ndandingenwe yintoni kuba ndasuka ndenza uqulukubhode emoyeni. Ndazama nokuzenza ngcono ndahamba ngezandla zam. Ndakhaba ibhola ngamandla. Ibhola yasuke yangathi ngumbane ndaya kuwa ngomqolo. Ibhola yaya phezulu yaze yabuya yehla yaza





kuwela ebusweni bam
yandibetha ndamongoza
ngoko nangoko. Ndaziva
ngathi ndisisiphukuphuku
sokwenene. Ndaziva
ndicaphuka ngokwenene.



NgoLwesihlanu

Namhlanje ibiyenye yezo mini zentlekele. Umama wayesoloko esiyala ukuba singaze siqubhe emlanjeni. Kodwa bekushushu kakhulu namhlanje saze mna noRobert sagqiba kwelokuba siye kuqubha emlanjeni. Sakhulula sazishiya phezu kwelitye iimpahla zethu. Kwaba mnandi kakhulu emanzini kangangokuba zange siliqonde ixesha ukuba limkile.

Kwathi kamva xa nelanga selisiya kunina, saphuma emanzini sakhangela iimpahla zethu. Zange sizibone. Sakhangela kuyo yonke indawo singaziboni saza sabona isimanga. Nantso ibhokhwe ihlafuna impahla. Ndabona enye ibaleka noshoti wam. Sathi nkamalala kodwa sazama ukuzigquma ngesinako saza sathi ngqee ukugoduka. Umama wayevutha ngumsindo!. Ngoku andivumelekanga ukuba ndiyodlala iveki yonke. Indicaphukisa kakhulu into yebhokhwe etye iimpahla zethu.

NgoMvulo

Ngokuhlwanje ndiyacaphuka kwakhona. Esikolweni besinekonisathi. Besinomdlalo omfutshane apho bendiyingcuka kwibali elithi "Amatakane ebhokhwe asixhenxe". Ndithe ndakukhwela eqongeni kwavela kwamnyama. Nangona bendifundile ndaziqhelisa nendima yam iiveki ezintathu ezidlulileyo, andikhange ndikhumbule nelinye. Ndisuke ndafikelwa luloyiko endingalwaziyo, imilenze yagevuzela.

Ndikhe ndazama ukuthi, "Bantwana bam ndivuleleni, ndim ndingumama wenu. Ndiniphathele ukutya." Kodwa doh, alatsho ukuphuma ilizwi. Ndathintitha, "ba-b-ba-bantwana ...ndi... ukutya!" Utitshalakazi wazama ukundikhuthaza ukuba ndithethe endikhokela kodwa amagama aphelela emqaleni. Ndababona oomama phakathi kwababukeli. Ndandiphakuzela. Ndathi xa ndishiya iqonga ndagila indlu yebhokwe yawa. Yhoo, hayi ke!

NgoLwesithathu

Namhlanje besibhala uvavanyo lwesiNgesi. Ibiluviwo luka-ANA olubhalwa ngabo bonke abantwana beloMzantsi Afrika. Ndithe ndibhala njalo ndaziva ndome umlomo. Andazanga ukuba mandithini ndaze ndakhupha ibhotile yam yesiselo ndicinga ukuba akazundibona utitshalakazi. Ngelishwa wandibona. Wathi akundijonga ndaphakuzela ndaza ndayingqquba loo bhotile yesiselo yaza yawa yachithela incwadi yam nekaRobert.

Ndathunyelwa kwiofisi yenqununu yaze yatsalela umama umnxeba. Ndandisenkathazweni kwakhona! Ngokuqinisekileyo andonwabanga. Enenenі ndiyacaphuka kwakhona.


Inyanga: EyeNkanga
NgoLwesithathu

Namhlanje besiyokutshibiliza noShawn noRobert. Siye kwipaka yokutshibiliza. UShawn noRobert baqabela phezu kwehampu namathambeka. Ndithe ndiyabalinganisa suka ndaya kubetheka ngobuso phantsi. Ndithe xa ndizivuthulula ndabona udadewethu oneminyaka eli-12 uPam. Undixelele ukuba kudala umama endifuna.

UPam wathi xhwii ihelimethi yam waza ngemizuzwana nje embalwa wabe seletshibiliza enyuka udonga, nanko ephequka esenza umjikelo wama-360! Kutheni na lento amantombazana egqwesa kwinto yonke! Undishiye apho watshibiliza ukugoduka ngebhodi yam yokutshibiliza ndaze mna ndabaleka emva kwakhe. Umama wandikhwaza ebuza ukuba kutheni ndingayinxibanga ihelimethi. Akazange andive xa ndimxelela ukuba inxitywe nguPam. Abantu abadala bayaxaka maxa wambi!

NgoLwesihlanu

Namhlanje besifuna ukuya kutshibiliza ngeebhodi zethu kwakhona. Ndathi xa ndiyokuthatha ibhodi yam yokutshibiliza ndafika ingekho. Ihelimethi yam yayingekho nayo. URobert noShawn bandishiya ke bahamba bodwa ukuya epakini. Ndabalandela kamva ngebhayisekile. Ndathi xa ndifika epakini ndayibona ihelimethi yam nebhodi yam.
UPam wayeqhuba ibhodi yam nehelimethi yam isentlokweni kaPam. UPam wayebhabha ngathi yincutshe! UZomzi wayebukele ngomdla. Wayekhwaza ngemivuyo eqhwabela uPam, "Wenze kakuhle Pam!" Wathi akwanela kamva uPam wandinika ibhodi, kodwa ndaqonda ukuba andinakuzenza intlekisa phambi kwamantombazana.
Endaweni yoko ndicaphuka ndinjalo ndemka epakini.



NgeCawe

Namhlanje siye kwamakhulu siyotya khona isidlo sasemini. Bekumnandi ukubona abaza bam kwakhona, kodwa ukudibana noomalumekazi noodadobawo abangako!

"Jonga ukuba mhle kukaThemba!"

"Awusemdala wethu uyazibona, uyinkwenkw' enkulu ngoku!"

"Sowukwibanga lesithathu! Sowumdala kangako na?"

Umalumekazi uJane wandipha ijezi andilukele yona. Ndiyazi wayiluka ngothando, kodwa wayecinga ukuba ndiseneminyaka emihlanu.

"Owu ndiyabulela Malumekazi, kudala ndiyinqwenela ijezi emthubi," ndatsho ngembeko. Inene abantu abadala bayaxaka maxa wambi.

Inyanga: EyeNkanga
NgoLwesihlanu

Phezolo bendiyokulala kuloRobert. Ndithe ndisalele ndikobude ubuthongo ndavuswa nguRobert kuba esithi uve ingxolo ekhabhathini yakhe. Ebecinga ukuba kukho irhamncwa. Besingcangcazela kukoyika saza ekugqibeleni sathatha ithotshi sakhanyisa ngayo ekhabhathini. Sabona amehlo amabini aqaqambileyo amthubi. Ngoko nangoko kwatsiba into ekhabhathini. Sakhala sicinga ukuba lirhamncwa ngokwenene. Yintoni? kwathi kanti yikati kaRobert. Kodwa andikhange ndikwazi ukulala emva koko.

Namhlanje ndiye ndalala egumbini lokufundela. Utitshalakazi uthe uza kutsalela umama umnxeba hleze kuthi kanti ndiyagula. Ndimxelele ukuba andibikwa hlaba koko andikhange ndilale kakuhle phezolo. Naxa kunjalo umtsalele umnxeba umama. Maxa wambi abantu abadala abaqondi kakuhle.

NgoLwesibini

Lusuku lokuzalwa lukatitshalakazi namhlanje. Umama undinike iintyatyambo zeerozi ezibomvu ukuze ndizinike utitshalakazi. "Andisoze ndiphathe iintyatyambo ebhasini," ndazicingela ndatsho. "Baza kuthini abanye, baza kundithatha njani?" Sebecinga ukuba ndingunoncwadi kakade. Kodwa umama wandinyanzela ukuba ndiziphathe ezo ntyatyambo ndiye nazo esikolweni. Endleleni eya kwisikhululo sebhasi ndafikelwa yingcinga. ndazifaka ebhakeni wam iintyatyambo ukuze zingabonwa mntu. Ndaba ngowokuqala ukufika eklasini ndaze ndangena phambi kokuba ibethe intsimbi ukuze kungabikho mntu uza kundibona ndiphethe iirozi ezibomvu.

"Bhota Nksk. Nkosi, uze ulonwabele usuku lokuzalwa kwakho." (Ndandinethemba lokuba akukho mntu uza kundibona.) Ndakhupha iintyatyambo ebhakeni wam, kodwa zazidiniwe zityokololo. "Owu enkosi kakhulu Themba," watsho. "Azisentle ngako. Zezi ndizithandayo kanye."

Ndacinga ngejezi yam emthubi. Maxa wambi abantu abadala bayakhohlisa.



# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Thetha nomhlobo wakho ngencwadi.

a. Yahluke njani idayari kwincwadi yamabali?
b. Unayo idayari wena? Kutheni?
c. Xelela umhlobo wakho ukuba uyithandile na le ncwadi. Nika isizathu sempendulo yakho.
d. Wakhe wanamava afana nala achazwa nguThemba Twala kwidayari yakhe?
e. Ukuba kunjalo balisela umhlobo wakho uze umxelele nokuba waziva njani.
f. Ingaba ngewayeziphephe njani uThemba ezinye zeengxaki abhale ngazo?
g. Ucinga ukuba kutheni le ncwadi inesihloko esithi "Idayari kaNozikhalazo?"
h. Kutheni le nto uThemba ecinga ukuba abantu "abadala abaqondi kakuhle"?



2 OoNozikhalazo banamagama awodwa abathanda ukuwasebenzisa. Ucinga ukuba athetha ntoni la magama?

| | | | |
|---|---|---|---|
| uyadika | isiphukuphuku | esitopini | ushoti |



3 Fundela umhlobo wakho ezi zivakalisi uze uzidwelise ngendlela eyiyo.

- UThemba wazenza intlekisa ngexesha lokuziqhelisa ibhola ekhatywayo xa wayefuna ukuzithandisa kuZomzi.
- UThemba wachithela incwadi yakhe ngejusi.
- UMary wabukela udade boThemba etshibiliza okwencutshe.
- Ngeli xa uThemba nabahlobo bakhe baqubha emlanjeni, iibhokhwe zazisitya iimpahla zabo.



4 Bhala inqaku ledayari elingesiganeko ongasoze usilibale. Libhale encwadini yakho yemisebenzi.
Ukhumbule ukubhala umhla.

Usuku: ______________________ Umhla: ______________________



5 Khangela izifanokuthi zala magama ebalini. Wakugqiba khetha amagama abe ma-5 uze uwasebenzise kwizivakalisi ezizezakho.

| | | |
|---|---|---|
| isidenge | ingxaki | iitshomi |
| ishwangusha | intshatsheli | sabaleka |
| kutshisa | ukucunuka | besiduda |

# IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE

Inqanaba: 1

# Incwadi 4

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Idayari kaNozikhalazo |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Inqanaba 1 Incwadi 4 |
| Uhlobo lwencwadi: | Idayari |
| Amagama ajongwayo: | ngam, nangona, kuba, kodwa, incutshe, intlekisa, tyokololo |
| Isigama: | ukuhlangana, ukumongoza, ukucaphuka, isiphukuphuku, ukuthintitha, ababukeli, intlekele, ukuphakuzela, ukuphequka, ukukhohlisa |
| Izandi: | • Izandi ezinoonobumba ababini ababizwa njengesandi esinye, umz. hl (hlala).<br>• Amagama anezandi ezingaphinyiselwa ngokupheleleyo xa sithetha, umz. 'awsemdala' endaweni yokuthi 'awusemdala/akusemdala'.<br>• Amagama abizwa ngokufanayo kodwa eneentsingiselo ezohlukeneyo (oomabizwafane), ulwimi (ilungu elisemlonyeni/ukuxoka); umnxeba (imfonomfono/intambo) (imfonomfono/intambo)<br>• Amagama abhalwa ngokufanayo kodwa abizwe ngokwahlukeneyo aze abe neentsingiselo ezahlukeneyo, umz. ukuba (ukuthatha into engeyoyakho ngaphandle kwemvume/ isihlanganisi) |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Xoxa ngomahluko phakathi kwedayari nencwadi yamabali.<br>▪ Xela ukuba uyithandile na okanye akuyithandanga incwadi uze unike isizathu.<br>▪ Funda imibuzo yovavanyo lokuqonda uphendule imibuzo.<br>▪ Cacisa iintsingiselo zamagama.<br>▪ Xela iziganeko ngokulandelelana kwazo.<br>▪ Bhala inqaku ledayari.<br>▪ Chonga amagama anezandi ezenziwe ngoonobumba ababini. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-3 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1

- UMvundlana uqhatha uMpungutye
- Utyelelo elwandle
- Uyolo lwasekhitshini
- Idayari kaNozikhalazo

### Inqanaba: 2

- Izilwanyana ziqhweshile
- UThandi unemini embi
- Impelaveki esingasoze siyilibale

### Inqanaba: 3

- Irhamncwa ekhabhathini
- Ityala lokulahleka kwamaqebengwana
- Yinyaniso emsulwa

ISBN 978-1-4315-2615-4
9 781431 526154

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2615-4

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.